



Igama lam nguZanele Situ. Ndiyakuthanda ukudlalela ilizwe lam loMzantsi Afrika imidlalo. Nali ibali lam.



Ndandineminyaka elishumi elinanye mhla ndagula kwaye imilenze yam yavele yangakwazi tu ukuhamba. Ndaya esibhedlele.




T4_4 Zanele's story_big book_X.indd 2 2021/11/04 20:13



Oogqirha benza iimvavanyo ezikhethekileyo. Ngenye imini bathi: "Siyaxolisa, uZanele akasoze aphinde akwazi ukuhamba. Kufuneka ahambe ngesitulo esiqhutywayo."



T4_4 Zanele's story_big book_X.indd 3 2021/11/04 20:13



Ndaya kwisikolo esifunda abantwana abakhethekileyo. Ndandiyithanda kakhulu imidlalo baze ootitshala bandifundisa ukuyidllala ndikwisitulo esiqhutywayo.




T4_4 Zanele's story_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:13



Ndangenela ukhuphiswano lwemidlalo ndaze ndaphumelela amabhaso amaninzi. Ndandifuna ukulungela ukungenela ukhuphiswano lwePharalimpikhi.



T4_4 Zanele's story_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:13



Ndasebenza nzima ndiziqhelanisa. Ndamenywa ukuba ndiye kuthatha inxaxheba kwiiPharalimpikhi. Ndazingca kakhulu ndakuphumelela imbasa yegolide!



T4_4 Zanele's story_big book_X.indd 6
2021/11/04 20:13

